




Udyakalashe neediliya ezimuncu

Kholeka Mabeta
isiXhosa



Kudaladala uDyakalashi wavuka
elambe kakhulu. Waphakama
wangena ehlathini ekhangela
indawo enokutya.

Wadibana nesitiya seediliya. Ezi diliya zazintle zijinga zibonakala ukuba zivuthiwe kwaye zivuzisa izinkcwe. Ingxaki yayikukuba zazijinga phezulu kakhulu emthini.





"Kwowu zikhangeleka zimnandi kanobom ke ezi diliya," wacinga watsho umfo wakwaDyaki. Wahlehla umva elungiselela ukuthatha owona mntsi uphezulu ukuze afikelele kwezo diliya.

Nka phantsi! Kwavakala isithonga sokubhuleka kukaDyalakashe esiwa ngomqolo phantsi. Ezi diliya zaziphezulu kakhulu kunokuba ebecinga.






Waphakama umfo omkhulu
ezixelele ukuba akasoze atyhafe.
Wahlehla umva ngakumbi
elungiselela ukuthatha isantya
ukuze atsibele phezulu kakhulu. Nka
kwakhona! Wabetheka ngamandla
kwesi sihlandlo.


Wazama wazama uDyakalashé
eqhutywa liphango kodwa nkqi
wancama. Wayetsiba abetheke
phantsi wade wabuhlungu umqolo
wakhe.





Ekugqibeleni wancama wanikezela.
Warhotyoza egoduka eqaqanjelwa
esabanjwe linxele likakhetsekile

Wayekhathazeke kakhulu
uDyakal Ashe. Wema wajonga
ngemva kwezi diliya azincamayo.
"Bezimuncu kakade nezi diliya,"
watsho uDyaki. Wangena endleleni
encamile elambe elufele.



Udyakalashé neediliya ezimuncu

Writer: Kholeka Mabeta

Illustration: Benjamin Mitchley

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative